# IINKQUBO ZOKWENZA IZIVUMELWANO ZILUCHAPHAZELA NJANI UNCEDO LOKUQALA KWAYE INXAXHEBA YOLUNTU INOKUDLALA EYIPHII INDIMA KULOMBA?

FUNDED BY NIHR | National Institute for Health and Care Research

UK International Development
Partnership | Progress | Prosperity

This research was funded by the NIHR (NIHR150146) using UK international development funding from the UK Government to support global health research. The views expressed in this publication are those of the author(s) and not necessarily those of the NIHR or the UK government.

ooRhulumente banokusokola ngokubonelela bonke abantu ngokhathalelo lwezempilo ngoba:

- ooRhulumente abanayo ingxowamali elingene amaxanduva awo ohlukahlukileyo, umzekelo imfundo.
- Imithetho efunekayo yokuqesha nenkqubo yokuthenga yenza inkqubo kawonkewonke ithathe isidala ukuze iguquke.
- Rhoqo kwicandelo likarhulumente kukho ukungqongophala kwiziseko zophuhliso nakwizibonelo zabasebenzi. Kuzothatha ixesha ukwakha lemithombo notyalo-mali.
- Kungakho uphikiswano lwezepolotiki ekunyusweni kwerhafu nokusetyenziswa kwemali.

ooRhulumente baziqhelisa ukusebenzisa ababoneleli abangengoworhulumente ukuze bahabmise iinkonzo zezempilo zoluntu egameni labo, amaziko afana neezibhedlele zabucala, imibutho engenzi nzuzo, oonompilo, noogqirha babucala. Izivumelwano zakha itsebenziswano phakathi kwabababoneleli abangengoworhulumente norhulumente.

Izivumelwano zinokuquka izinto ezininzi, ezifana ne:

- Ababoneleli kufanele bebhatelwe njani
- Uluhlu lweenkonzo umboneneli ekufanele ebonelele ngazo
- Imingangatho neenjongo eziphezulu
- Ukuba ezinkonzo kufanele ziye koobani
- Kwenzeka ntoni xa kungabonelelwanga ngenkozo ngokufanelekileyo

Luyintoni uphononongo lwe-scoping?

Uphononongo lwe-scoping yiprojekthi yophando ejonga izifundo ezenziweyo kwaye nezipapashiweyo ngomba othile kwilizwe jikelele ukuze kwaziwe banzi ngawo.

- Iingcali ezahlukeneyo zophando lwezemfundo
- Imizekelo kwamazwe ahlukeneyo
- Ufaniso kunye nomehluko
- Inkqubela kuphononongo neengcebiso

Ukufukeleleka — Umgangatho — Ubulungisa

iiNjongo zoluphononongo kukuphendula:

- Izivumelwano nababoneleli babucala ziluchaphazela njani ufikeleko kuncedo lokuqalo olusemgangathweni nobulungisa?
- Lukhona ungenelo olwangezekileyo kwinxaxhheba yoluntu kiwmeko yezivumelelwano?

Oluxwebu lusisishwankathelo sophononogno lwe-scoping lwamazwe ngamazwe olubanzi elijongene momba wokuba izivumelelweano ziluchaphazela njani uncedo lokuqala, kwaye nokuba inxaxheba yoluntu kwizivumelwano ineziphumo ezangezekileyo na.

## LUYINTONI UNCEDO LOKUQALA?

Uncedo lokuqala olufikelelekayo luyindawo yokuqala edibanisa abantu/usapho nenkqubo yezempilo. Lunika uluhlu lweenkonzo zempilo ezibalulekileyo, okuquka:

- **Ukukhuthazwa kwezempilo**, okufana neemfundiso malunga ukondleka nococeko.
- **Ukuthinthela**, okufana nokugonywa nokuhlolwa kwezifo.
- **Unyango oluqhubekekayo** olufana nempilo kanina nomtana, kwaye **nokulawula izimo ezingapheliyo ezifana** nesifo seswekile, isandulela ngculaza, njl.

Ngokunikezela uncedo oluphelelyo, oluqhubekayo,noluthintelayo, uncedo lokuqala lunceda ekukhuseleni kwizigulo ezizayo nonyango olubizayo. Yilento luthathwa njengesiseko kwinkqubo yezempilo ephumemelelayo.

# IYINTONI IMPEMBELELO YEZIVUMELWANO NABABONELELI BABUCALA?

- iPhucula ufikeleleko
- Ingaphucula ubulungisa kubungakanani kwenkonzo ezinikezekwayo
- Ingaphucula ubulungisa kwiziphumo zempilo ukuba umgangatho wonyusiwe.

Kunzima ukujonga iziphumo zezivumemelwano kumgangatho wenkonzo zoncedo lokuqala kuba amava ohlukile.

# IZINTO EZICHAPHAZELA UMGANGATHO WOKHATHALELO

Umgangatho uquka izinto ezifana:

- Nokufikeleleka kwenkonzo kuluntu ezisuka kurhulumente
- Ukusebenza nokuphuculwa komntu ngamnye kunye nempilo yabemi
- Ukungafihleki lula ekufumaneni ulwazi olufanelekileyo
- Ukwaneliseka kwabasebenzisi zezinkonzo

Umgangatho uphucuka ngo:

1 Ngokulinganisela phakathi kweenkcukacha zemfuno kwizivumelwano (yintoni enokuphumezwa) kunye nenstebenzo ekhawulezayo ukutshintsha xa abasebenzi bezempilo beludinga utshintsho (Indlela yokufezekisa le nto).

2 Ulingelwaniso phakathi kokubekwa emgangathweni kunye nokuguqukela utshintsho ukuziqhelanisa nokuqinisekisa inkathalo ekumgangatho ofanayo kwiindawo ezahlukeneyo kunye nokuphendula iimfuno ezizodwa

3 Ukusebenza okucacileyo, imigaqo ecacileyo, nemithetho ecacileyo yemivuzo kunye nezohlwayo, kunye nokuzimisela kukarhulumente ukuthobela imigaqo.

4 Indima enamandla kurhulumente ekubekeni iliso kunye nokulawula izivumelwano, bencedwe ngabameli basekuhlaleni.

5 Uqeqesho lwezakhono zamagosa karhulumente kunye noluntu olukulawulo lwekhontrakthi, kunye nokuphuhliswa kwenkqubo zokubeka iliso kunye neenkcukacha ezisebenziseka lula.

6 Inkxaso yokhathalelo lwezempilo kwiimeko zabasebenzi ekufuneka ziphephe inani eliphezulu zokuphulukana nabasebenzi abanamava, ukuze kugcinwe ukhathalelo oluqhubekayo.

# IZINTO EZICHAPHAZELA UKUTHATHA INXAXHEBA KOLUNTU KWIZIVUMELWANO

Ukuthatha inxaxheba koluntu kwizivumelwano kwenzeka kumanqanaba amabini: ngexesha lokuqulunqwa kwesivumelwano, kwaye emva koko ukongamela ukusebenza kwababoneleli abanesivumelwano. Uphando lufumanise ukuba ukuthatha inxaxheba koluntu kunqabile, kwaye kuxhaphake ngakumbi ngexesha lokubeka iliso kunokuyila. Xa oku kusenzeka, kunokunceda ukwenza iinkonzo zifikeleleke lula, ukuze kuphucuke iinkonzo zabo iphinde yenze ukuba babe noxanduva oluthe kratya. Yintoni eyenza zombini ezi ntlobo zokuthatha inxaxheba zisebenze ngakumbi?

- Xa ilungelo lokuthatha inxaxheba liqinisekisiwe ngumthetho njengaseBrazil, eThailand naseMzantsi Afrika.
- Xa urhulumente ebonelela umvuzo noqeqesho lwabathathi-nxaxheba basekuhlaleni.
- Xa kukho into evulekileyo kwaye ubudlelwane bokusebenzisana phakathi koluntu, ababoneleli ngeenkonzo zikarhulumente.
- Xa ababoneleli, oorhulumente, kunye noluntu ngokwalo luzibona lunegalelo elibalulekileyo lolwazi lwengingqi kunye namatsha-ntliziyo asebenzayo ekuqinisweni kwenkqubo yezempilo.
- Xa i-IT, kunye nokubeka iliso nokuvavanya, luzizixhobo ezilungelelaniswe ngokubonelela inkcazelo ecacileyo yokuxhasa ukusebenza kovavanyo kunye nokuthatha izigqibo.
- Xa uluntu lunelizwi komabini amacala: hay kuphela kulawolo olungqongqo lwezizivumelwano, kodwa nasekukwenzweni kwezizivumelwano nakwimodeli zokuhanjiswa kwenkonzo.

# ISIPHELO

Izivumelwano zingazizixhobo eziuncedo ekuxhumaniseni oorhulumente, ababoneleli babucala, nabameli boluntu kwaye ziphuhlisa ukusebenza lwoncedo lokuqala kwiimeko ezithile. Ukubandanyeka koluntu elulawuleni kwezizivumelwano kungaphuhlisa iingenelo.